

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIA M'S TOWN, NGOLWESI-TATU, MARCH 16, 1887.

[No. 123.

Kuwo Wonke Umzi Ontsundu!

Xa Sukuba nityelela e QONCE, pambi kokuba nizitengele Impahla

Yitini Gxada kwisitora se Ngubo, njalo, njalo, so

DYER AND DYER

Nizanelise kwimpahla yabo enyulwe ngenyameko,—apo ontsundu alungiselelewe ngocoselelo.

Yonke Impahla ibhalwe amaxabiso okugqibela ebupantsini.

YIZANI KUZIBONELA NGOKWENI.

KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU.

J. E. L. KULLING,
ONYANGA NGEMITI YASEKOLONI
NEW STREET, E-RINI.

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yelele kwi Hashi Elingwevu kumadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site kanti sise gazini; nokuba umntu sele likakasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele xa umntu ebhliwe lihashe elingwevu nokuba sesinye isifo.
Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke eziba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/
Oka Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/-, enkulu 6/
Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nkazana, akuko yeza ligqita eli linge botile ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/-, ne 22/
Oka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa nama dyungundyungu—linge mbizana 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/- inye.
Oka Kulling amagaqana oku hlambulula igqazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange bokisana, 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/-

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngcambu ezimbiwa apa e Koloni ezi hleli zigciniwe.
Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlambi uye kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungelelo ngemali encinane.

GEORGE GIE,
I-Arente yo Mhlaba, no Mteto noku Tengisa
GREY STREET, TARKASTAD.

IZIKWELITI uzibuta ngoku kauleza, i-ni-kwe umninyo kwa oko.
Onke amatyala aba ntsundu etetelwa ngemali encinane kakulu.
Uli Gosa le South British Fire Insurance Company of New Zealand.

Ko Titshala.

KUFUNKA umntu omtsundu oyitshala engumkokeli, umntu wase Tshatshi, enesimilo esilungileyo; ibeyindoda etshatileyo. Umvuzo £40 ngomnyaka. Angabalela in English ku Rev. T. J. COOPER, Barkly East.

GEO. B. CHRISTIAN & CO
KEEP WELL ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,
BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores
BRUSHWARE

PAINTS, OILS, AND VARNISHES
Pots—Kafir Hoes—Red Ochre—Cutlery, &c
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO

ISISULU.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo Isisulusu! Isisulusu e Qonce ukangele emarkeni.

HARTIGAN & CASEY,
Abatengisi bempahla ngempahla.

BAHLALA batengisa impahla ebambayo kanye ngenyanga e Mtonjeni nase Banini. Yonke imiso emva kwe malike batengisa impahla ebambayo nokuba yekabana. Ubani uyinikwa emva komsito imali. E Qonce 20 July, 1886.

JOHN J. IRVINE & CO

ISITORA ESITSHA,
Sengubo nobu Qeleqele
beza Mankazana,
E-QONCE.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6
Ibhulukwe ze Kodi, 5/-
Eze Twidi ibhulukwe, 4/-

Eze Twidi i Suti, 16/9 Ikeleko,
2.5d.

I Priuti (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3.5d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elimjengeli icam.

CHARLES J. STIRK,

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayitengisa ingumqulu na nganye,

CHURCH SQUARE
E-RINI.

Inyama ne Zonka,

into ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko
BOURKE NO MARSH,
nakwisitalato esipambi ngase
mcanatweni.

**Isitora sase
Komani**

Kofuna izivato ne
NGUBO ZOKUNXIBA

Ezilungileyo zisi sulu,
Kwa

CHUDLEIGH,

Ukangelene ne Town Hall,

Uhlala aba nento eninzi etengwa ngama
XABISO APANTSI KANYE YE

Keleko, Iprinti, Ityali,

I lokwe esezi tungiwe
Iminqwazi ehonjisiweyo
Iqiya ezilushica
Imibhalo, njalo, njalo
KWEZA
Madoda ingubo
Ne Bhatyi ne Ndulubhatyi
Ne Bhulukwe
Ihempe
Ne Kilisbanti
Iminqwazi ye Tweed neyo Fele
Ibhulukwe zokukwela, Ileginisi njalo,
njalo.
Isuti nengubo ezinganye ezi ncinane zama
kwenkwana nezolutsha.

*Yeyona ndlu isisulu empa- hleni
yoku homba neyoku nxiba apa*

E KOMANI.

Amayeza ka Cook Abantsundu

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu, Nokuxaxazo.
1/6 ibotile.
Elika
COOK Iyeza Lokukohlela
(Lingamafuta).
1/6 ibotile.
Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe
9d. ibotile.
Elika
Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.
Elika
COOK Iyeza Ipils-
1/ ngebokisana.
Eka
COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.
Oka
COOK Umceza Westepu Sabant-
wana.
6d ngebotile.
Oka
COOK Umgutyana Wamehlo.
6d ngesiqunyana.
Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,
E-Bhulorweni nase Durban Street.

Ngoku bazilungiselele ukurola awona maxabiso makulu

*Ngoboya, Nezikumba, Zenkomo.
Nezebokwe Nezegusha.*

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto ezitengisayo. Kule dolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo zokunxiba ezitshipu nayo yonke into.

J. G. NICHOLSON,

*Iqqweta elise zincwadini zakomkulu
nomteteleli wama Fandesi,*
E-NGQUSHWA.

Ulungisa amafa. Uguqula amagama e Tayitile. Uquka izi kweliti zi Bhatlwa kwa ngoku.

Yonke into ayi patisisweyo ifezwa ngokukaula.
Uli Gosa le Colonial Mutual Life Assurance Society.

KWA G. WHITAKER, kwi-
venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile njalo-njalo, njalo-njalo.

UKUMELWA KWE QONCE UMEMO

RICHARD SOLOMON, Esq., M.A.,
Umteteli-pambi-kwe Jaji.

MNUMZETU.—Njengokuba epumile obemele lomahlulo e Palamente, sinovuyo ukucela wena ukuba utabate lendawo.

Ako amaxesha ebekungeze kwasifanela ukukucela kungafaneli nawe ukuvuma ukuba ulitabate eliwonga—amaxesha ebekuko ngawo ingxoxo ezipatelele kumalungelo esisitili abengaziwa ngohlala apa kupela. Kodwa akunjalo ngoku, esinga ke ungaya e Palamente kuba uyinkulelwane kwelilizwe, waye kananjalo unolwazi lwendawo ngendawo, uyakuza-mela ukucuma kwezindawo zise Maxhoseni nezipesheya kwe Nciba.

Lemimandla iyarora ngendawo yokuba zonke izinto zempato kubonakala ukuba ziya ziroxela e Kapa, lingalungelwa ke eli ; siyatamba ukuba lehambiso ayisakuxhaswa nguwe.

Imisebenzi yakwa Rulumente ihamba bugaxagaxa; kufuneka kumiwe ngenyawo kwelokuba ingahanjiswa ngobuwokowoko, incede bonke.

Silingwenelela ukuchuma okukulu izibuko lase Monti. Umgedi wentlabati usaquba kakuhle, kufuneka imali eyaneleyo yokuyixhasa lonqanawa yentlabati u Lucy, imali inkelwe kubantu abasezibukweni abakubonayo ukusebenza kwayo.

Ngokupatelele ezimalini, u Rulumeni akazange wakwintswelo ezingaka. Imigcaliselo yokubekwa kwerafu ibekwe nxamnye, ubunzima bubekwa kwinto ezitengiswayo, isiqamo soko kuncipa kwentsebenzo nemali. Sibeke intonga kuwe ukuba uze walate esisiposo, kanamanjazo uzame ukuba irafu yotywala ibuye imiswe, imitwalo yerafu itwalwe ngabo bonke abantu ngokulinganayo;

Incito yemali enceda umzi ayililelwa bani; njengokuba s'qonda ukuba akuko nto ihlelelekisa umzi njengobudenge siyaleza kuwe imali erolelwa ukuxhasa imfundo, ifanele ukwabiwa ngendlela enceda bonke—ngokukodwa abangamahlwempu, abasenkangala, nabasendibongweni yobudenge.

Kuyabonwa nangubani ukuba sizelwe ngamaxesha agadalala, kengoko kufuneka sibe meyamnye namanye amabhotwe eli lase South Africa. Yonke into eyakulaezisa oku fliyatamba ukuba iyakuxinywa nguwe ; yilahleko yodwa kuti ukuba u Rulumeni ayekwe-nza ololiwe kwindawo ezingapaya kweyetu imida.

Impato yabantsundu akufanele nokuba siyikankanye kuwe. Ibandla apa laba Picoti Miteto namasiko abantsundu owawulilungu lalo lagqiba kwezona zinto zizizo. Kufanele-fekile ke ukuba ingqibo zelogqigula zihanjiswe kwakuvela amatuba; sikolwa yimpato eyaku-sivelisela uxolo incede ukwanda. Siyatamba ke ukuba lempato iyakumelwa ixhaswe nguwe.

Siyatambisa ukuba siyakwenza konke esinako ukuba kungene wena;
Siti enyanisweni,

Herbert H C Baker
R W Rose Innes
William Hay
D Edwd. Hockly
C Dyer
J Hilner
F Dyer
James W Weir
Thos. B. King
Wm Lord
John M. Ellis
W Lord, of Lord & Co.
C W Cross
C Rose-Innes
Hugh Henry
W L Neill
E Bryant
M F Peinke
Julius P. Jameson
W G Glennie
R Symons
A B Jack
C Pfitzer
T N Dyer
B J Davis

J Tengo-Jabavu
H B M Howard
Geo. M Bryant
Jno. Massey-Hicks
W Randall
R McWilliam
John A Gaunt
Gilbert Fox
W J Stewart
J Brownlee
H J Marren
Leo A Dille
Ch. Friedrichs
Ben Ryan
T J Foster
Cl Ordemann
A E Sissing
W R J Irvine
N D Deary
Thos. W Irvine
S W Jameson
Jas. G Merricks
W O Carter
J Newing
Nento eninzi yabanye.

E Qonce,
Eluhambeni lwe Jaji, March
14, 1887- Iya ku H. H. C. Baker, Esq., R. W. Rose-Innes, Esq., F. Dyer, Esq., J. W. Weir, Esq.,
J. P. Jameson, Esq., namanye amanene afake amagama awo kwisicelo esiza kum.

pakamileyo ababuzekayo ngaso nokuba sesinjanina, ezonto ke zibe sifungo sendoda efuna ukunyulelwa e Palamenteni yale Koioni.
Ukuba izimvo zam ngolaulo ezi ndizikankanyileyo ziyakoleka kuninzi lwabanyuli base Qonce, ndiyakubamela ngokuzidla nangovuyo e Palamente ngamandla am onke.
Ndinibulela kwakona ngembeko enindenzele yona.
Ndikolelweni, manene, Ndisicaka senu esilungileyo
RICHARD SOLOMON.

Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle !

Buzani kuzo zonke ivenkile enime- lene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA

INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa

Nakwa-Ndabakazi

HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southeyville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo 'kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, nezikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE & CO.

NDIBELWE.

KUMA-SINYAHLA

NDIBELWE ngomhla ka December odlulelileyo apa ku Tsolo ihashe elibomvu, liminyaka mine liyi "Hantom," linomtshiso ongu J.U. itshoba linqunulwe, nomda esi-nqeni ngase kohlo, nokulunywa ngamanaye. Ondilandisileyo ndomvuza ngokufanekileyo.
J. KUZANE.

UMNINAWA ka SINYAHLA owalahleka ukuciteka kwesizwe ndimvile apo akona. Ndifuna ama-Sinyahla nama-Sinyahlakazi ayazi lonto.
Ndim
HENDRICK SINYAHLA.
Vryburg, Betsuanaland.

Indlu Yamayeza

LO ogama lise zantsi unqwenela ukwazisa abantu banga pesheya kwe Nciba ukuba ngoku uli Gosa lo B. G. LENNON & CO. (abona bangenisi mayeza bayi ntloko e Koloni) unokuba tengisela amayeza ngama xabiso ase Dolopini. Nelinjanina nalipina iyeza liko, okanye linoku fumaneka ngexesha elifutshane. Kanilinge umxube ka B. G. L. we Fiva (cesina)ongekoyiswa. Imali inqabile ke kunga banjiswa nge gusba ne bokwe neny impahla ilinganiselwe ixabiso layo. Elona gosa likulu e Transkei, ngu

P. H. POTTER.

Nalipina lyeza olifunayo ungalifumana kwa

E. W. WELLS,
Umpitikezi wamayeza
ne Opteki,
Bathurst Street, E-
Rini.

Ugcina amayeza amatsha nalungileyo.

ELOBUTATAKA

Nezifo ezingcungcutekisayo.

Eyona ide yancama ukulunga

yi

Wells' Quinine and Iron Tonic.

Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele

esi sa-

ziso, uvakalisa ukuba

ngelixa loku ceba lizayo, ulugiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakutengwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti imali kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/., kuse kwi 5/ imali ngengxowa.

THOS. MORIARTY.

5 August, 1886.

GIE BROTHERS,

Abatengi naba Tengisi bento Yonke.

KUPELA kwesi Tora saba Ntsundu ngenene kule Dolopu yase TARKASTAD.

Zonke intlobo zezinto eziveliswa yi ntsebenzo yeli lizwe zitengwa ngamaxabiso apezulu kanye.

BANTSUNDU!

NINGAYITENGA kaloko nge sheleni e zimbini ne sikispeni, i "XOSA-KAFIR GRAMMAR," eyenziwe ngu J. TOHREND, S. J. Ezinye i ndawo zayo le newadi ziyakucazulula u kuteta kwenu, ziti e zinye i-ndawo ziyakufundisa o kwa Mangesi. Le newadi ino kuzuzwa

E Rini ("Graham's Town)—kwa T. and G SHEFFIELD, Eastern Star Office.

E Qonce (King William's Town)—kwa W. T. RANDALL.

E Komani (Queenstown)—kwa D. S. BARRABLE.

E Kapu (Cape Town)—kwa Juta.

E Bayi (Port Elizabeth)—kwa IMPEY, WALTON & Co.

E Tinara (Uitenhage)—kwa H. W. BIDWELL.

E Rafu (Graaff Reinet)—H. E. SANDFORD.

E Dikeni (Alice)—kwa R. STOCKS.

E Dodoloro (Dordrecht)—kwa J. V. O'BRIEN

E Nggushwa (Peddie)—kwa A. C. BENNETT

E Sidutyini (St. Mark's)—kwa S.D.SNOOKE

Kwa na kuzo e zinye i ndawo.

YIYANI KWA

C. A. JAY & CO.,

E QONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza Imela ne Folokwe

Ikoyi—Ikomyityi ne Pleti

I Lampi

Impahla Yendlu Yonke njalo njalo amayeza

Kukwako imisesane YOKUTSHA GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU. gepepa 1-

ISAZISO ESIKULU

_____gqitile yo

Amayeza ka (Nogqala). Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo

Magosa am bowatunyelwa onke. nge Posi xa behalele kum bati tampo nokuba yi mali chamba posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 paandle ko Mpilisi Wenene (Sur 8 6 ukuba imali tunyelweyo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW/^^^

The Laboratory, Fort Beaufort.

NDIBELWE

IMAZI ebomvukazi; imin mihlana; linekolo ebunz apezulu yekolo leyo yanokutyl kwicala lase kunene. Linentl nyeni kwicala langasekunene, levini. Itshoba alifide kakulu nyulwe. Alilide noko. Ndi mzi wakowetu.

KLAAS

c/o DYER & DYER, King

14 January, 1887.

Lishicilelwa umninilo, JOHN TENGO-JABAVU ngu HAY BROTHERS SMITH

Street, King William's Town

MANENE,—Ndinibuyekeza ngembulelo yentliziyo kanye ngenxa yembeko enindenzele yona ngokundibiza ngesicelo esinabantu abanewonga abangaka abafake amagama bo kuso, ukuba ndizokuba lilungu elibubuso besisiqingata senu sikulu kangaka e Palamente. Yinto emnandi kum ukuya kwesi sicelo senu ukuba nangona ubani ekwisihlalo sokuba ngumteteleli kwinkundlaye Jaji zelizwe lase Maxhoseni e Rini akangentiteleki ngenx' enoko xa efuna engene kwizinto zolaulo. Izimvo zam ngento zolaulo aziwexulwa yimimona yomelwa-

ne.Ukuza kwam pambi kwenu ndizakuba ngobubuso besisiqingata senu, ndiza ndingum Koloni," ndayeke into yokuqala ndinomnqweno wokunga ndingaziti jwi ndonke ekulungiseleleni imfanelo ze Koloni yonke, ndaye kunjalonje nditambisa ngapandle kwentandabazo ukuba xa ndinyulelwe esisiqingata senu, amalungelo aso nawe Mpumalanga yonke ndiyakuwagcina ngeliso elibukali elnobukwele.

Akufuneki nganto ukunibhalela utyukata lwempendulo kwisicelo senu, kuba ndizakube. hle ndibe namatuba okuxoxa nani ezintlanganisweni, ukuze noko igondwe indlela endiya ngayo e Palamente, ndoke ndenze mbalwa ngengxoxo ezinkulu ezikoyo ngoku.

Ndaziwa mhlope ukuba andinguye umxhasi walo Rulumente upetoye ngoku [ka Sprigg].

nokoke ndohlala ndayitiba into endiyibonayo ukuba yinchaso yemfeketo njekodwa yelinye icala, yonke imiteto elungileyo ndiyakuyixhasa nokuba ingeniswa ngubani.

Uluvo lwam ngempato yabantsundu lwaziwa mhlope, ndikolwa kwi "mpato yabantsundu" esekwe kulamigaqo ikwi Ngxelo yabenzi Miteto yaba Ntsundu, endandililungu layo leyo mpato isekwe pezu kwenqubo yenkululeko emalungelweni olaulo kubo bonke abantu bo Mntan' Omhle abakweli lizwe, nokuba ngabalupina uhlanga, nengqoboko, nebala.

Kule Palamente izayo kuya kulingwa ukwenziwa umteto ongqongqo onyanzela bonke abantsundu ukuba bahambe nge pasi xa asuka endaweni esiya kwenye kule Koloni. Ndinga ndingaqondwa ngokumhlope ukuba yonke imitetwana enjalo ye pasi ndichasene nayo. Xa kuhnajiswa lowa miteto woku Quba we 14 womnyaka we 1870, kwanalowa womnyaka we 1879 wezi Bhadubhadu, yaqutywa ngenyamke ingagcineka impahla, bungapela nobu. buhilihili bokugqiba ilizwe abe umntu kungeko nto icacileyo ayifunayo, okwenziwa ngaba ntsundu.

Yayinjalo ingxelo yaba Benzi Miteto yaba Ntsundu endafaka nelam igama kuyo, ndisabambelele kuyo nanamhlanje.

Abanyuli base Qonce fan' ukuba balwaluse kakulu ulaulo lompesheya kwe Nciba. Icala endingakulo mna ndikweli lokuba lonke elazwe malilikwe ilungelo lokunyula abameli e Palamente. Koba kwenziwa imfanelo ebimelwe kukwenziwa kade ukuba babe nayo ivoti kwanjengati, ndiyatamba ukuba alisekude ixesha bengalinikwa ilungelo lababantu base Transkei abamhlope nabamnyama ngokufanayo.

Intsebenzo yokulima kwelilizwe ndinomnqweno wokuyikutaza, kweyoboya ndoxhasa umteto wonyanzelo kwiyeza lokwekwe, kulo lonke elase Koloni, ndiqinisekile ukuba indleko eyakwenziwa kolonyanzelo yoba nembuyekazo egqitileyo kuyo xa uboya betu boba nexabiso msitweni omkulu wase Yuropu.

Nakuba ndinomnqweno wokulingiselela idolopu yenu ngokuti makolulwe uloliwe aye kuma ngele Golide, okwangoku andingezibopheleli ngakuxhasa indlela etile, kodwa ndoxhasa

indlela ekoti kwakuxoxwa ngayo ibonakale iyiyona iyakunceda ubukulu be Koloni; ndohamba kwangolohlobo kulengxoxo yokuqakamshela lololiwe walapa Emaxhoseni nowela pakati.

Kulengxoxo yokuba kubonakala ngati yonke into yelizwe itsalelwa ndaweninye, andisakuba nabutyututyutu. Ndoxhasa into etsalela ukwenzakalisa imisebenzi emikulu zezinye indawo engafanelana seyigocwagocwa ingabi nasisihla. Ndoxhasa onke amalanga okuxhumisa i Kapa libe elilizwe lisonakalelwa.

Ngokwengeniso nencito ka Rulumente kusekuhlani ukuba kuya kubako irafu ezintsha zokuvula isikewu esibangwe zindleko zencito. Lento yenziwayo yokungarafiswa kwabenzi botwals lihlahlo ku Rulumente, ndiya kwaxhasa shushu onke amalanga okayivusa leyo rafu. Andizazi irafu ziyakwenziwa ngu Rulumente ebantwini belilizwe, ndochasa nokuba yintonina etyekele ekwandiseni irafu zase mazibukweni engubo kuba ndiyavumelana nani kweli niti kwesi sicelo ninditumela sona, sezinkulu kade ezi zikoyo.

Ndivakuzamela ukuba imali yezibuko lase Monti ingemi, lizibuko esoloko ndilalusile.

Niwucanile umxhelo wam ngemivuzo yemfundo, ndiyeva ukuba yimfanelo yam ukuchasa ukwapulwa kwalemivuzo kakulu nokuba kukwizikolo zabamhlope, nokuba zi Semnari zabantsundu.

Mandigqibe ngeliti ukwenza ezizinto nditi mna kufuneka umoya ongenalucalulo ukwe-

nzela ubulungisa abemi belilizwe, akukataleleki nokuba ngowasipina isizwe, nebala, kufuneka umoya okhwelelela ukuceka kwentlalo yabantu, nonohloni ngabase sisihlalweni esi